URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Icandelo loLawulo lwezaBasebenzi ngoBuchule
Hlengiwe Sishi
Hlengiwe.Sishi@westerncape.gov.za | 021 467 2480

Isalathiso: 20220311-600
Inombolo yefayile: 3/1/3/1

ISetyhula: 0014/2022
Umhla wokuphelelwa: Akukho

Iya: KumaSekela aBalawuli-Jikelele, aBalawuli abaziiNtloko, aBalawuli, iiNgcali zeMfundo eyiNtloko, aBaphathi beeSekethe kunye neeNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *Ukubonelela ngo-2022/2023* ngezithuba zengqesho zenkxasoyenkonzo karhulumente kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo zikarhulumente ezineemfuno zemfundo ezizodwa.

Isihloko: Ukubonelela ngo-2022/2023 ngezithuba zengqesho zenkxaso yenkonzo karhulumente kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwiimfuno zemfundo ezizodwa.

1. Uhlaziyo lwezithuba zokunika inkxaso kwinkonzo karhulumente kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo ezineemfuno zemfundo ezizodwa kwithuba elisusela nge -01 Apreli 2022 ukuya kowe-31 Matshi 2023 lwaqhutywa ngokungqinelana nemimiselo nemigangatho evunyiweyo.

2. Olu hlaziyo lukhankanywe ngasentla lwenziwe ngale migaqo ilandelayo:
   (a) Ukugcina uzinzo ezikolweni ngo-2022; kwaye
   (b) Ukumisela ifuthe lezemali lokwandiswa kolwabiwo lwenkxaso yenkonzo karhulumente ngokuhambelana nezibonelelo zohlahlo lwabiwo-mali lwenkqubo-sikhokelo yenkcitho yexesha
   eliphakathi yowama-2022/23.

3. Ukuba izithuba ezisisigxina azinamntu, abaqeshwa abakwinani elingaphezulu kweliqingqiweyo baya kukhethwa kuqala ukuze mataniswe baze bafakwe kwezo zithuba phambi kokuba kunikwe imvume yokuzalisa ezo zithuba ngemvumelwano.

4. Izithuba zokunika inkxaso zenkonzo karhulumente zango-2022/2023 zezikolo zikarhulumente ziya kupapashwa kwiCEMIS phantsi ko-"Administration" ngo- 04 Epreli 2022

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-03-30